

MASIFUNDISANE! LET'S READ!

6 May 2020



Vuyokazi Shwempe reads a story to her daughter, Luhume Shwempe (10), outside their home. Many parents are worried about their children missing out on school during lockdown. Reading stories together is a wonderful way to keep learning and imagining. Photo: Sue MacLennan

This special edition is aimed at children and those young at heart. PLEASE pass it on to someone in your street who will enjoy reading it if you are not that person. While we are all in lockdown, our imaginations are still free so read and enjoy these children's stories and activities. Keep them forever if you like.

Olu shicilelo lubhekiselwe ebantwaneni nakwabo abasebatsha entliziyweni. Sicela uludlulise komnye umntu okwisitalato sakho oya kuba nomdla ukulufunda, ukuba wena akunguye loo mntu

Lees gerus met jou ma en pa, jou broer of sussie.

Bekunokuba njani ukuba ...?

UNandi wayechophe kwizitephusi ezizuba zendlu yakokwabo. Wayezihlelele, ezicingela nje ... Bekunokuba njani ukuba ezi lekese zizii-jelly beans bezinokukwenza utsibele phezulu kakhulu? Ubungayokufika esikolweni ngomtsi omde omnye nje kuphela! Bekunokuba njani ukuba iibhokhwe neenkukhu ezi bezithetha? Bezingabalisa iziqhulo ezihlekisayo bethu? Bekunokuba njani ukuba izindlu ezi bezikwazi ukuntingela emajukujukwini njengeziphekepheke? Usapho lwakho belunokuya kuchitha iiholide enyangueni! Bekunokuba njani ukuba bekungekho mntu uphekayo? Bekunokuba njani ukuba isopholo ibivele nje izifikele etafileni? (Kwaye ibe isoloko iyile nto kanye uyithanda kakhulu.) Bekunokuba njani ukuba iziqeda bezinganyibiliki? Beziza kuhlala ihlobo lonke. Bekunokuba njani ukuba imifanekiso esuka ezincwadini

ibijikeleza phezu kwentloko yakho lo gama uTata ekufundela ezo ncwadi? Bekunokuba njani ukuba iigambutsi zam ezipinki ibizezomlingo? Bendinokubaleka ngesantya esiphezulu ukodlula nobhuti wam omdala! Bekunokuba njani ukuba ubunokuvala nje amehlo akho mba, ze ... "Nandi, wenza ntoni?" kubuza ubhuti kaNandi. UNandi wangqiyama apho esitephusini, enoncumo olukhulu ebusweni. "Ndiyazingela nje ...," waphendula watsho.



Our partners...

